




Sinentlanganiso yosapho.

Apha kukho utata, udadobawo uPula, utatomncinci uChavani, uEddie, uAttie, mna kwakunye nomakhulu.

Ndingoyena mncinci.



Unomathotholo uhlala ekhala imini nobusuku ekhayeni lam.
Simamela iindaba rhoqo.



Izikolo bezivalwe iinyanga ezininzi ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ngurhulumente (ilokhdawuni).

Utata uqale ngelithi, "Lusapho lwasekhaya, kufuneka senze isigqibo ngokubuyela kwabantwana esikolweni."



Udadobawo uPula wayexhalabile. “Xa izikolo zivulwa loo nto ithetha ukuba abantu abaninzi baya kosuleleka.

Imeko inakho ukuba mandundu,” utshilo.



UAttie uthe, “Ndiyakoyika ukufumana esi sifo.

Masilindeni iiveki ezimbini sibone ukuba izinto zihamba njani esikolweni. Kukho ukudideka okuninzi.”



Utata uthe, “Ndoyikisela umakhulu.

Ukuba abantwana bangosuleleka beze naso ekhaya esi sifo, ingayinto embi kakhulu kuye.”

Umakhulu wanqwala intloko.



Umakhulu wam sele emdala. Unesifo seswekile nesimo sentliziyo.

Ndiyoyika kakhulu. Ndikhathazekile ngabantu basekhaya.



Uatomncinci uChavani wathi, “Ndicinga ukuba abantwana mabahlale ekhaya, njengesithintelo. Makhe sime sibone ukuba izikolo zikulungele na ukwamkela abafundi.”

Wonke umntu wavumelana naye ngaphandle kukaEddie.



“Ndimele ukuya kwisikolo samabanga aphezulu kulo nyaka uzayo.

Andazi nokuba ndingawugqiba na umsebenzi.

Ukwenza izifundo zam kwi-intanethi asiyonto yam,” watsho uEddie.



Andinaxhala lokuba semva kumsebenzi wesikolo.
Ndinexhala lobuntu. Siza kuphathana njani ngoku?
Simele ukujongana nale ngxaki sonke.



—Imibuzo

1. Bhala intsingiselo yala magama:
ukosuleleka, ubudala, ukuthintela, ubuntu.
2. Chaza intsingiselo yokuthi 'unexhala
ngoluntu jikelele'.
3. Ucinga ukuba olu sapho lwafikelela kwesiphi
isigqibo? Ngoba kutheni?
4. Ngoobani abantu bakokwenu?
5. Waziva njani xa wawudibana noogxa bakho
esikolweni kwakhona, emveni kommiselo
weentshukumo wesizwe ngelixa le
Khovidi-19?
6. Ngaphandle kwesifo seswekile, zeziphi
ezinye iimeko ezine zempilo
ezinokuwanciphisa amandla omzimba
womntu?
7. Zeziphi izigqibo othi uzenze ngemini
nganye?



Eli bali lisekelwe kwiingxelo ze-RX Radio. I-RX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwintanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

I-RX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

I-RX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

[Tyelela iRX Radio](#)